Reporting cycle	(Only select one) <input checked="" type="checkbox"/> Quarterly <input type="checkbox"/> Bi-annually <input type="checkbox"/> Annually
Desired performance	(Only select one) <input type="checkbox"/> Higher than target <input checked="" type="checkbox"/> On target <input type="checkbox"/> Lower (less is more) than target
Type of indicator	Is this a Service Delivery Indicator? <input checked="" type="checkbox"/> YES <input type="checkbox"/> NO If yes , confirm the priority area(s) that the deliverable(s) measured through this indicator will improve (multiple selections can also be made): <input checked="" type="checkbox"/> Access <input type="checkbox"/> Reliability <input type="checkbox"/> Responsiveness <input type="checkbox"/> Integrity Is this a Demand Driven Indicator? <input checked="" type="checkbox"/> YES <input type="checkbox"/> NO Is this a Standardised Indicator? <input type="checkbox"/> YES <input checked="" type="checkbox"/> NO
Spatial Location of indicator	Number of locations: <input type="checkbox"/> Single Location <input checked="" type="checkbox"/> Multiple Locations Extent: <input type="checkbox"/> Provincial <input type="checkbox"/> District <input checked="" type="checkbox"/> Local Municipality <input type="checkbox"/> Ward <input type="checkbox"/> Address Detail/Address/Coordinates: Determined by applications received and supported. For multiple delivery locations , will this be shared in the Annual Operational Plan (AOP)? <input checked="" type="checkbox"/> YES <input type="checkbox"/> NO
Indicator responsibility	Responsibility Manager
Spatial Transformation	Spatial transformation priorities: Description of spatial impact: Preserve cultural traditions of communities

Disaggregation of beneficiaries - Human Rights Groups	Target for women: Target for youth: Target for people with disabilities: Target for older persons: <input checked="" type="checkbox"/> "None of the above"
Provincial Strategic Implementation Plan (PSIP)	(Multiple selections can be made) <input type="checkbox"/> G4J <input type="checkbox"/> Safety <input checked="" type="checkbox"/> Wellbeing <input type="checkbox"/> Innovation, Culture and Governance <input type="checkbox"/> "None of the above"
Implementation Data (Key deliverables measured)	As per the annual operational plan.

Indicator number	1.2
Indicator title	Number of facilities upgraded or maintained to ensure suitability and safety for users
Short definition	To maintain facilities to acceptable standards to meet the needs of clients and ensure safety of users.
Purpose	To provide facilities that communities can utilise for programmes / initiatives
Key Beneficiaries	Facility Users
Source of data	List OF all cultural facilities filed in an excel document
Data limitations	None
Assumptions	Facilities to be utilised
Means of verification (POE)	Maintenance plan, procurement documents (invoice, payment stubs)
Method of calculation	Count
Calculation type	(Only select one) Cumulative: <input type="checkbox"/> Year-end <input type="checkbox"/> Year-to-date <input checked="" type="checkbox"/> Non-cumulative
Reporting cycle	(Only select one) <input type="checkbox"/> Quarterly <input type="checkbox"/> Bi-annually <input checked="" type="checkbox"/> Annually
Desired performance	(Only select one) <input type="checkbox"/> Higher than target <input checked="" type="checkbox"/> On target <input type="checkbox"/> Lower (less is more) than target
Type of indicator	Is this a Service Delivery Indicator? <input checked="" type="checkbox"/> YES <input type="checkbox"/> NO If yes , confirm the priority area(s) that the deliverable(s) measured through this indicator will improve (multiple selections can also be made): <input checked="" type="checkbox"/> Access <input type="checkbox"/> Reliability <input type="checkbox"/> Responsiveness <input type="checkbox"/> Integrity Is this a Demand Driven Indicator? <input type="checkbox"/> YES <input checked="" type="checkbox"/> NO Is this a Standardised Indicator? <input type="checkbox"/> YES <input checked="" type="checkbox"/> NO

Spatial Location of indicator	Number of locations: <input checked="" type="checkbox"/> Single Location <input type="checkbox"/> Multiple Locations Extent: <input type="checkbox"/> Provincial <input type="checkbox"/> District <input checked="" type="checkbox"/> Local Municipality <input type="checkbox"/> Ward <input type="checkbox"/> Address Detail/Address/Coordinates: Determined by applications received and supported. For multiple delivery locations , will this be shared in the Annual Operational Plan (AOP)? <input checked="" type="checkbox"/> YES <input type="checkbox"/> NO
Indicator responsibility	Responsibility Manager
Spatial Transformation	Spatial transformation priorities: Description of spatial impact: Preserve cultural traditions of communities
Disaggregation of beneficiaries - Human Rights Groups	Target for women: Target for youth: Target for people with disabilities: Target for older persons: <input checked="" type="checkbox"/> "None of the above"
Provincial Strategic Implementation Plan (PSIP)	(Multiple selections can be made) <input type="checkbox"/> G4J <input checked="" type="checkbox"/> Safety <input checked="" type="checkbox"/> Wellbeing <input type="checkbox"/> Innovation, Culture and Governance <input type="checkbox"/> "None of the above"
Implementation Data (Key deliverables measured)	As per the annual operational plan.

Indicator number	1.3
Indicator title	Number of approved bookings at the cultural facilities
Short definition	Usage of the cultural facilities for various activities
Purpose	To provide a booking system that is accessible for all users.
Key Beneficiaries	Communities
Source of data	Electronic Booking system
Data limitations	System failure
Assumptions	Facilities will be booked
Means of verification (POE)	Booking reports and booking register (electronic data)
Method of calculation	Count
Calculation type	(Only select one) Cumulative: <input type="checkbox"/> Year-end <input type="checkbox"/> Year-to-date <input checked="" type="checkbox"/> Non-cumulative
Reporting cycle	(Only select one) <input type="checkbox"/> Quarterly <input type="checkbox"/> Bi-annually <input checked="" type="checkbox"/> Annually
Desired performance	(Only select one) <input checked="" type="checkbox"/> Higher than target <input type="checkbox"/> On target <input type="checkbox"/> Lower (less is more) than target

Type of indicator	<p>Is this a Service Delivery Indicator? <input checked="" type="checkbox"/> YES <input type="checkbox"/> NO</p> <p>If yes, confirm the priority area(s) that the deliverable(s) measured through this indicator will improve (multiple selections can also be made): <input checked="" type="checkbox"/> Access <input type="checkbox"/> Reliability <input type="checkbox"/> Responsiveness <input type="checkbox"/> Integrity</p> <p>Is this a Demand Driven Indicator? <input checked="" type="checkbox"/> YES <input type="checkbox"/> NO</p> <p>Is this a Standardised Indicator? <input type="checkbox"/> YES <input checked="" type="checkbox"/> NO</p>
Spatial Location of indicator	<p>Number of locations: <input type="checkbox"/> Single Location <input checked="" type="checkbox"/> Multiple Locations</p> <p>Extent: <input type="checkbox"/> Provincial <input type="checkbox"/> District <input checked="" type="checkbox"/> Local Municipality <input type="checkbox"/> Ward <input type="checkbox"/> Address</p> <p>Detail/Address/Coordinates: Determined by applications received and supported.</p> <p>For multiple delivery locations, will this be shared in the Annual Operational Plan (AOP)? <input checked="" type="checkbox"/> YES <input type="checkbox"/> NO</p>
Indicator responsibility	Responsibility Manager
Spatial Transformation	<p>Spatial transformation priorities: Description of spatial impact: Preserve cultural traditions of communities</p>
Disaggregation of beneficiaries - Human Rights Groups	<p>Target for women: Target for youth: Target for people with disabilities: Target for older persons: <input checked="" type="checkbox"/> "None of the above" Bookings for the facilities are made by all groups listed above</p>
Provincial Strategic Implementation Plan (PSIP)	<p>(Multiple selections can be made) <input type="checkbox"/> G4J <input checked="" type="checkbox"/> Safety <input checked="" type="checkbox"/> Wellbeing <input type="checkbox"/> Innovation, Culture and Governance <input type="checkbox"/> "None of the above"</p>
Implementation Data (Key deliverables measured)	As per the annual operational plan.

ANNEXURE A: NSDF and the District Delivery Model

Areas of Intervention (examples)	Medium Term (3 years - MTEF)						
	Location: GPS coordinates	Project Description	Budget allocation	District Municipality	Project leader	Social partners	
Melkbos Cultural Centre	Latitude: -33.736188 Longitude: 18.438899	Maintenance of facilities	2025/26: R 9 543m	City of Cape Town	Craig Johnson	Stellenbosch Municipality Agricultural Research Council Cape Nature	
Melkbos OppieSee cultural facility	Latitude: -33.740373 Longitude: 18.442458		2026/27: R2 502m	City of Cape Town			
Groot Drakenstein cultural facility	Latitude: -33.833028 Longitude: 18.963765	2027/28: R2.5m	Cape Winelands	Cape Winelands			
Bien Donne Manor House	Latitude: -33.833028 Longitude: 18.963765			Cape Winelands			
Okkie Jooste Cultural Facility	Latitude: -33.965293 Longitude: 18.925112			Cape Winelands			
Koekenaap cultural facility	Latitude: -31.52710704 Longitude: 18.2526466			West Coast			
Schoemanspoort cultural facility	Latitude: -33.44226 Longitude: 18.2526466			Garden Route			



URhulumente
weNtshona Koloni



Western Cape Cultural Commission
Wes-Kaapse Kultuurkommissie
IKhomishoni yeNkcubeko yeNtshona Koloni

IMicimbi yeNkcubeko neMidlalo

IsiCwangciso sokuSebenza soNyaka 2025/2026



OKUQULATHIWEYO

INGXELO YEGUNYA ELILAWULAYO 36

INGXELO YEGUNYA ELINIKA INGXELO.....37

UKUTYIKITYA NGOKUSEMTHETHWENI 38

IZIFINYEZO 39

ICANDELO A: UMYALELO WETHU 40

1. Isigunyaziso soMgaqosiseko 40

2. Izigunyaziso zowisomthetho nemigaqonkqubo 41

3. Imigaqonkqubo yeZiko kunye noBuchule kwisithuba socwangciso seminyaka emihlanu 50

4. Izigwebo zeNkundla eziFanelekileyo..... 50

ICANDELO B: INGQWALASELA YETHU YOBUCHULE 51

5. Umbono 51

6. Injongo 51

7. Amaxabiso 51

8. Uhlalutyo lweMeko 51

8.1 Uhlalutyo lweMeko yokusiNgqongileyo lwaNgaphandle..... 51

8.2 UHlahlelo lwaNgaphakathi lokusiNgqongileyo 53

ICANDELO C: UMLINGANISELO WOKUSEBENZA KWETHU 55

9. IiNkcukacha ngokuSebenza kweNkqubo yeZiko..... 55

9.1 Iziphumo, iMveliso, iZalathi zeZiphumo kunye neeThagethi 56

9.2 Izalathisi, iiThagethi zoNyaka nezeKota..... 56

9.3 Ingcaciso yokusebenza okucwangcisiweyo kwixesha eliphakathi 57

10. Ukuqwalaselwa kweMithombo yeNkqubo..... 58

11. Imingcipheko ePhambili eHlaziyiweyo 59

12. IiProjekthi zeziSeko ezinguNdoqo 60

13. INTsebenziswano zikaRhulumente zaBucala 60

ICANDELO D: INKCAZELO YESALATHI SOBUGCISA (ISB) 61

ICANDELO E: IZIHLOMELO KWISICWANGCISOQHINGA 65

INGXELO YEGUNYA ELILAWULAYO

IsiCwangciso sokuSebenza soNyaka (APP) sika2025/2026 seKhomishoni yeNkcubeko yeNtshona Koloni (WCCC) sihambelana nezinto eziphambili ngobuchule kuRhulumente weNtshona Koloni. Ukwakhela phezu kwendima yethu ekuqhubeleni phambili icandelo lobugcisa nenkcubeko elichumayo nelinabantu bonke, le APP ibonisa ukuzibophelela kwethu okuqhubekayo ekudaleni uluntu olukhuselekileyo nolubandakanyayo, ukukhuthaza ilifa lenkcubeko, nokuxhobisa abantu baseNtshona Koloni.


UbuGcisa neNkcubeko buhlala bunamandla okwenza ubambiswano loluntu, intlalontle, kunye nokukhula koqoqosho. Ngamanyathelo afana nokugcinwa kwelifa lemveli, ukufikelela okongeziweyo kwezemidlalo nenkcubeko, kunye nokukhuthaza amaqonga okuxhobisa ulutsha, sijolise ekudaleni amathuba aqakayo nanempembelelo. Ukuzinikela kwethu ekuphakamiseni uluntu olungamelwanga ngokwaneleyo, ingakumbi amaSan namaKhoi, kuhleli kuzinzile njengoko silandela imithethosiseko yeyantlukwano nentlonipho yazo zonke iinkcubeko.

Nangona kukho imingeni kwezemali, sibeke phambili ngobuchule utyalomali kwiinkalo ezingundoqo ukwandisa ifuthe lamalinge ethu. Ugqaliselo lweWCCC luhleli ekuqinisekiseni ukusetyenziswa ngokukuko kwamaziko enkcubeko, ukukhuthaza ukusungula izinto ezintsha, nokwakha ubuhlakani nabachaphazelekayo kumacandelo ngamacandelo. Iinzame zeKhomishoni zihambelana neenjongo zephondo zokuvuselela uqoqosho, ukudala imisebenzi kunye nophuhliso oluzinzileyo. Esi siCwangciso soMsebenzi woNyaka

(APP) sichaza iinjongo zeWCCC zonyakamali wama-2025/26 kunye neethagethi ekufuneka kufikelelwe kuzo ngokufaka igxalaba kwintlalontle yoluntu.

Ikhokelwa ngumbono wobunkokheli beNkulumbuso uAlan Winde, iWCCC izinikele ekunikeni iziphumo ezilinganisekayo eziphakamisa umgangatho wobomi eNtshona Koloni. I-WCCC kufuneka iqhubeke ikhulisa ubugcisa nenkcubeko iqinisekisa ukuba inyathelo ngalinye libonisa iinqobo ezisemgangathweni zokwenziwa kwezinto elubala, ulingano kunye nokugqwesa.

Ekuvaleni, ndidlulisa umbulelo wam kumaqela azinikeleyo eDCAS, kwiKhomishoni yeNkcubeko yeNtshona Koloni, kunye namahlakani ethu asebenza ngokungadinywayo ukufezekisa la mabhongo ebomini. Sisonke, siza kuqhubeka nokwakha iNtshona Koloni ekhulayo, ebandakanyayo, nezinzileyo.



URICARDO MACKENZIE

IGunya eliLawulayo leKhomishoni yeNkcubeko yeNtshona Koloni



INGXELO YEGUNYA ELINIKA INGXELO

Kungovuyo olukhulu ukuba ndibonise isiCwangciso sokuSebenza soNyaka seKhomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni 2025/2026.

IKhomishoni yeNkcubeko yeNtshona Koloni (WCCC) liqumrhu likarhulumente leShedyuli 3C eliwela phantsi kweSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo. Umyalelo weKhomishoni umiselwe yiKhomishoni yeNkcubeko yeNtshona Koloni kunye noMthetho wamaBhunga eNkcubeko ka1998. Imisebenzi yequmrhu ihambelana nesiCwangcisoqhinga seWCCC 2025-2030, isiCwangciso soPhuhliso seSizwe sika2030 kunye nesiCwangcisoqhinga sePhondo sikaRhulumente weNtshona Koloni sika2025 ukuya ku2030.

I-WCCC izama ukusebenzisa nokuphumeza izibonelelo zayo ngempumelelo kwimpumelelo eqhubekayo yeWCCC kwihlabathi elihlala litshintsha kunye noluntu. Uhlahlo lwabiwomali lwenkcitho yexesha eliphakathi lweWCCC lonyakamali ka2025/2026 ngaloo ndlela luya kulungelelaniswa ukufezekisa iinjongo zalo ngokubanzi.

NjengeWCCC sijolise ekukhuthazeni ukufikelela nokwandisa ukusetyenziswa kwamaziko ethu enkcubeko ukufezekisa umanyano lwentlalo, sikhokelwa ngumyalelo wethu. I-WCCC iya kuphumeza ezinye zeengcebiso njengoko ziqulethwe kwingxelo yokufezekisa izibonelelo. Iingcebiso ezivela kwingxelo yamaBhunga eNkcubeko eziqulunqwe

yikomiti yamaBhunga eNkcubeko ziya kuqwalaselwa zisekelwe kwimpumelelo yazo. Oku kuya kuphunyezwa ngokwemiyalelo evela kuMphathiswa.

I-WCCC kunye namagosa amasebe azibophelele ekuhanjiseni kweeprojekthi neenkqubo ezi-bonakaliswe kule APP kwaye ziya kuqhubeka zibandakanyeka kwintsebenziswano neSebe leZiseko, kunye nabanye abadlali abadlala indima ukufezekisa iinjongo zalo.

IKhomishoni ivakalisa umbulelo wayo kuMphathiswa uRicardo MacKenzie ngokukhokela umsebenzi weWCCC kwakunye neengcebiso nenkxaso ebalaseleyo yolawulo evela kubasebenzi beSebe, eyabelwe ukuba isebenze nathi.

PETRONEL BAARD

IGunya eliNika iNgxelo: endaweni yeKhomishoni yeNkcubeko yeNtshona Koloni

UKUTYIKITYA NGOKUSEMTHETHWENI

Ngokwenjenje kuqinisekisiwe ukuba esi siCwangciso sokuSebenza soNyaka:

- Saphuhliswa ngabalawuli beKhomishoni yeNkcubeko yeNtshona Koloni phantsi kwesikhokelo soMphathiswa uRicardo Mackenzie.
- Ithathelwe ingqalelo yonke imigaqonkqubo efanelekileyo, imithetho kunye neminye imiyalelo ephantsi kwayo iKhomishoni yeNkcubeko yeNtshona Koloni.
- Ibonakalisa ngokuchanekileyo iPembelelo, iZiphumo kunye neZiphumo iKhomishoni yeNkcubeko yeNtshona Koloni eza kuzama ukuyiphumeza kwisithuba sowama2025/26.



Brenda Rutgers
IGosa eliyiNtloko lezeMali




Petronel Baard
IGunya eliNika iNgxelo: Egameni leWCCC



Guy Redman
IGosa eliNika iNgxelo: ISebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo

Ivunywe ngu:



Ricardo Mackenzie
IGunya eliLawulayo leWCCC



IZIFINYEZO

AA	IGunya eliNika iNgxelo
AGSA	UMphicothi-zincwadi Jikelele waseMzantsi Afrika
BBBEE	UkuXhotyiswa okuBanzi kwabaMnyama kwezoQoqosho
CFO	IGosa eliyiNtloko lezeMali
CAPEX	Ingxelo yeNkcitho eyiNkunzi
DCAS	ISEbe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo
D: ERM	ICandelo loLawulo loMngcipheko weShishini, iSebe leNkulumbuso
DPOCS	ISEbe lokuBeka iliso kumaPolisa noKhuseleko loLuntu
DSAC	ISEbe lezeMidlalo lobuGcisa neNkcubeko
DOI	ISEbe leZiseko zoPhuhliso
ECM	ULawulo loMxholo woShishino
EPWP	INkqubo yeMisebenzi yoLuntu eyaNdisiweyo
EQPRS	INkqubo yeNgxelo yokuSebenza ngeKota yeKhompyutha
ERM	ULawulo loMngcipheko woShishino
ERMECO	ULawulo loMngcipheko woShishino kunye neKomiti yeeNqobo zokuziphatha
FMPII	ISakhelo sokuLawulwa koLwazi lokuSebenza kweNkqubo
MEC	ILungu leBhunga [lePhondo] leSigqeba
MTDP	IsiCwangciso soPhuhliso seXesha eliPhakathi
MTEF	ISakhelo seNkcitho yesiGaba esiPhakathi
MTSF	ISakhelo soBuchule sesiGaba esiPhakathi
NAC	IBhunga leSizwe lobuGcisa
NTR	IMigaqo kaNondyebo weSizwe
PAA	UMthetho woPhicotho-zincwadi lukaRhulumente
PFMA	UMthetho woLawulo lweMali kaRhulumente, ka1999
POPIA	UMthetho woKhuseleko loLwazi loBuqu
PTI	IMiyalelo kaNondyebo wePhondo
TID	INkcazo yeSalathisi soBugcisa
UAMP	IsiCwangciso soLawulo lweAsethi yoMsebenzisi
PSP	Izinto eziPhambili zeQhinga lePhondo
WCCC	IKhomishoni yeNkcubeko yeNtshona Kolon

1. UGUNYAZISO LOMGAQOSISEKO

Icandelo	Uxanduva oluthe ngqo lweKhomishoni yeNkcubeko yeNtshona Koloni
UMgaqosiseko weRiphabliki yoMzantsi Afrika, 1996	
Icandelo 30: Ulwimi nenkcubeko	I-WCCC iququzelela amathuba okuba abantu baseNtshona Koloni basebenzise amalungelo abo olwimi nenkcubeko ngeenkqubo kunye neeprojekthi ezibonakalisayo nezixhasayo.
Icandelo 31: Inkcubeko, inkolo kunye noluntu lweelwimi	I-WCCC kufuneka iqinisekise ukuba iinkqubo neeprojekthi zayo ziyayihlonipha iyantlukwano yenkcubeko yabemmi baseNtshona Koloni.
Icandelo 41: Imithethosiseko yorhulumente wentsebenziswano nobudlelwane phakathi koorhulumente	I-WCCC isebenzisana nawo onke amanqanaba karhulumente ekuphumezeni igunya layo.
IShedyuli 4: IMimandla eSebenzayo yoBuchule boWisomthetho kwiSizwe nakwiPhondo	<p>Imiba yenkcubeko:</p> <ul style="list-style-type: none"> I-WCCC isebenza ngokusondeleleneyo neSebe lezeMidlalo, ubuGcisa neNkcubeko kunye namaqumrhu anxulumeneyo karhulumente malunga nemiba yobugcisa, inkcubeko kunye nelifa lemveli ngaxeshanye.
Icandelo le195: Iinqobo ezisemgangathweni ezisisiseko kunye nemithethosiseko elawula ulawulo loluntu	Amagosa eSebe leMicimbi yezeNkcubeko neMidlalo kufuneka abambebele kwizibonelelo zecandelo 195, elibonelela ngenkcazo yeenqobo ezisemgangathweni zedemokhrasi nemithetho-siseko elawula ulawulo likarhulumente. ICandelo le195(1) (b) lifuna ukukhuthazwa kokusetyenziswa kwemithombo yobutyebi ngokufanelekileyo, ngoqoqosho nangempumelelo. Oku kuthetha ukuba iinkqubo ezithathiweyo kwicandelo likarhulumente kufuneka zivelise eyona nzuzo iphezulu ngelona xabiso liphantsi linokwenzeka.
UMgaqosiseko weNtshona Koloni, 1998 (uMthetho 1 ka1998)	
Icandelo 70	<p>Umthetho wephondo kufuneka ubonelele ngokusekwa kunye nenkxasomali efanelekileyo, kwizibonelelo ezikhoyo zoRhulumente weNtshona Koloni, zebhunga lezenkcubeko okanye amabhunga oluntu okanye uluntu kwiphondo olwabelana ngenkcubeko efanayo nelifa lemveli lolwimi.</p> <p>Ukubhaliswa kunye nenkxaso kumabhunga enkcubeko:</p> <ul style="list-style-type: none"> IKhomishoni yeNkcubeko yeNtshona Koloni inikwe uxanduva lokubhalisa nokuxhasa amabhunga enkcubeko abhalisiweyo. I-DCAS yongamela iWCCC kwaye ibonelela iKhomishoni ngenkxaso yolawulo neyemali.

Icandelo	Uxanduva oluthe ngqo lweKhomishoni yeNkcubeko yeNtshona Koloni
Icandelo 81	<p>I-WCCC kufuneka yamkele kwaye iphumeze imigaqonkqubo ngenkuthalo ukukhuthaza nokugcina intlalontle yabantu baseNtshona Koloni, kubandakanywa nemigaqonkqubo ejolise ekufezekiseni:</p> <ul style="list-style-type: none"> • ukukhuthazwa kokuhlonitshwa kwamalungelo oluntu lwenkcubeko, lwenkolo neelwimi eNtshona Koloni; kwaye • ukukhuselwa nokugcinwa kwembali yendalo, imbali yenkcubeko, ilifa lezinto zakudala kunye nezakhiwo zeNtshona Koloni ukuze kuxhamle isizukulwana sangoku nesizayo. <p>I-WCCC iqinisekisa ukuba iDCAS ibonelela ngeemfuno zenkcubeko zoluntu lwaseNtshona Koloni njengoko kumiselwe ngumthetho.</p>

2. IZIGUNYAZISO ZOWISOMTHETHO KUNYE NEMIGAQONKQUBO

IKhomishoni yeNkcubeko yeNtshona Koloni yasekwa nguMthetho weKhomishoni yeNkcubeko yeNtshona Koloni namaBhunga eNkcubeko, ka1998 (uMthetho 14 ka1998). I-WCCC yadweliswa njengeShedyuli yesi-3, icandelo C lequmrhu likarhulumente wephondo ngomhla woku-1 kuJuni ka-2001 ngokoMthetho woLawulo lweMali kaRhulumente, ka-1999 (uMthetho 1 ka1999).

I-WCCC isebenza ngokwale mithetho nemigaqo-nkqubo ilandelayo:

2.1 Izigunyaziso zowisomthetho

Umthetho	Isalathiso	Uxanduva olungundoqo lweWCCC
UMthetho woLawulo lweMali kaRhulumente, ka-1999	UMthetho 1 ka1999	I-WCCC ingenisa iingxelo zekota nezonyaka malunga nonikezelo lwentsebenzo kunye neengxelo zemali eziphicothiweyo ezisekelwe kwinjongo yesicwangciso-qhinga ekujoliswe kuko kunyakamali ngamnye.
UMthetho weKhomishoni yeNkcubeko yeNtshona Koloni namaBhunga eNkcubeko, ka1998	UMthetho 14 ka1998	Iinjongo zeKhomishoni yeNkcubeko yeNtshona Koloni kukugcina, ukukhuthaza nokuphuhlisa inkcubeko eNtshona Koloni, ngokomgaqonkqubo omiselwe nguMEC (ilungu leKomiti yesiGqeba [yephondo]). Isigunyaziso seWCCC kukecebisa uMphathiswa wePhondo malunga nokugcinwa, ukukhuthazwa nophuhliso lobugcisa nenkcubeko eNtshona Koloni.
UMthetho wobuNkokheli beMveli nobuKhoi-San, wowama2019	UMthetho 3 ka2019	<p>Ezona njongo ziphambili zalo Mthetho zezi:</p> <ul style="list-style-type: none"> • Ukwenza amalungiselelo okwamkelwa kobunkokheli bama-Khoi-San; <p>Ukuhlanganisa uMthetho weNdlu yeSizwe yeeNkokheli zeMveli, ka2009, kunye noMthetho weNkqubo-sikhokelo yobuNkokheli beMveli, ka2003:</p> <ul style="list-style-type: none"> • Ukujongana nezithintelo ezithile kumthetho okhoyo: • Ukwenza izilungiso ezineziphumo zeminye imithetho.

Umthetho	Isalathiso	Uxanduva olungundoqo lweWCCC
UMthetho wokuPhakanyiswa koBulungisa kuLawulo, ka-2000	UMthetho 3 ka2000	Lo Mthetho: <ul style="list-style-type: none"> • umisela imithetho nezikhokelo ekufuneka abalawuli bazilandele xa besenza izigqibo; • ufuna ukuba abalawuli babazise abantu ngelungelo labo lokuphonononga okanye lokubhena kunye nelungelo labo lokucela izizathu; • ufuna ukuba abalawuli banike izizathu ngezigqibo zabo; kunye nokunika uluntu ilungelo lokuphikisa izigqibo zabalawuli enkundleni.
UMthetho wokuPhakanyiswa koFikelelo kuLwazi, ka2000	UMthetho 2 ka2000	Lo Mthetho uphumeza ilungelo lokufikelela kwiirekhodi ezigcinwe ngurhulumente, amaziko karhulumente kunye namaqumrhu abucala. Phakathi kwezinye izinto iQumrhu kufuneka: <ul style="list-style-type: none"> • Ukuqulunqa incwadi ecacisa kuluntu ngendlela yokufakwa kwesicelo sokufikelela kulwazi olugcinwe liqumrhu; • Chonga igosa lolwazi ukuba liqwalasele izicelo zolwazi olugcinwe liziko.
Ukukhuselwa koLwazi loBuqu	UMthetho 4 ka2013	Injongo yalo Mthetho kuku— <ul style="list-style-type: none"> • i`phumeza ilungelo lomgaqosiseko lokuba neemfihlo, ngokukhusela iinkcukacha zobuqu xa zisetyenzwa liqela elinoxanduva, ngokulawulwa yimida ethethelekayo ejolise— (i) ukulungelelanisa ilungelo lokuba neemfihlo kwamanye amalungelo, ingakumbi ilungelo lokufikelela kulwazi; kunye (ii) nokukhusela umdla obalulekileyo, kubandakanywa ukuhamba ngokukhululekileyo kolwazi ngaphakathi kwiRiphabliki nakwimida yamazwe ngamazwe; • lawula indlela ulwazi lomntu olunokuthi lusetyenzwe ngayo, ngokumisela iimeko, ngokuhambelana nemigangatho yamazwe ngamazwe, echaza ubuncinane beemfuno zokuse-tyenzwa ngokusemthethweni kolwazi lomntu; <p>ukubonelela abantu ngamalungelo kunye nezilungiso zokukhusela ulwazi lwabo lobuqu ekusetyenzweni ngalo olungahambelaniyo nalo Mthetho; kunye nokuseka amanyathelo okuzithandela nanyanzelekileyo, kubandakanywa ukusekwa koMlawuli woLwazi, ukuqinisekisa intlonipho nokukhuthaza, ukunyanzelisa nokuzalisekisa amalungelo akhuselweyo ngulo Mthetho.</p>
UMthetho weArhente yoLwazi lobuGcisa	UMthetho 88 ka1998	I-SITA iseka i-Arhente ye-State Information Technology. I-Arhente inoxanduva lokubonelela ngeenkono zeTekhnoloji yolwazi kulawulo lwenkonzo karhulumente. I-WCCC, ngokusebenzisa isebe, kufuneka ithenge zonke iimpahla kunye neenkono zethekhnoloji yolwazi ukusuka okanye nge-arhente

2.2 Izigunyaziso zomgaqonkqubo

Umgaqonkqubo	Inkcazelo
Indlela yokuziphatha yaMalungu eWCCC	Eyona njongo iphambili yoMgaqo kukukhuthaza ukuziphatha okungumzekelo phakathi kwamalungu ukuze kunikwe iWCCC intembeko kwiziko.
Ukubhaliswa kunye nokucinywa kokubhaliswa koMgaqonkqubo wamaBhunga eNkcubeko	Lo mgaqonkqubo ubonelela ngokubhaliswa kwamabhunga enkubeko ukumela abantu ababelana ngenkcubeko efanayo okanye ilifa lemveli lolwimi. Inika isiphumo kumthethosiseko wokuhlonipha, ukukhulisa, ukugcina nokukhusela iyantlukwano yenkcubeko eNtshona Koloni nakuMzantsi Afrika uphela. Umgaqonkqubo uvumela iWCCC ukuba iwacime kubhaliso amabhunga enkubeko xa kukho imihlaba emihle yokwenza oko.
UMgaqo-nkqubo wokuSetyenziswa kweZibonelelo zeNkcubeko	Ukubonelela ngenkqubosikhokelo yeGosa elinoXanduva leWCCC ukuze lilawule ingeniso ngoqoqosho nangempumelelo nokukhuthaza ukusetyenziswa ngokupheleleyo kweeasethi eziphantsi kolawulo lweKhomishoni.
Abathunywa beWCCC	Ugunyaziso lwamagunya olukhutshwe liGosa elinika iNgxelo ngokwecandelo 44(1) nelama44(2) loMthetho woLawulo lweMali kaRhulumente, ka-1999.
Isakhelo sezinto eziphathekayo	IGosa elinika iNgxelo kufuneka liphuhlise kwaye livumelane nesicwangciso-nkqubo samanqanaba amkelekileyo ezinto eziphathekayo kunye nokubaluleka kunye noGunyaziwe weSigqeba ngokubonisana nabaphicothizincwadi bangaphandle.
Isicwangciso sokuThintela ubuqhophololo	Umgaqo-nkqubo ubonelela ngeendlela zokusabela ukunika ingxelo yophando nokusombulula izehlo zobuqhophololo obunefuthe kwiWCCC.
ULawulo lwabaTyalayo	IGosa elinika iNgxelo kufuneka lilawule abatyalwayo malunga nokusetyenziswa kwezibonelelo zenkcubeko
UMvuzo waMalungu	Ukuququzelela intlawulo kumalungu eWCCC atyunjelwe ukuya kwiinkomfa, iiprojekthi, iintlanganiso kunye neendibano zocweyo egameni leKhomishoni.

Isishwankathelo sesiCwangciso soPhuhliso seXesha eliPhakathi (MTDP) 2024-2029

Lo ngunyaka wokuqala wexesha leminyaka emihlanu kwaye iWCCC izimisele ukunika ukusebenza kwiinjongo zeNDP, izinto eziphambili zeqhinga leMTDP kunye nesiCwangcisoqhinga sePhondo ekuphumezeni igunya layo lonyaka ka2025/26.

IsiCwangciso soPhuhliso lweSigaba esiPhakathi (iMTDP) sowama2024-2029 sisebenza nje- ngesicwangciso-qhinga seminyaka emihlanu soLawulo lwesi7 loMzantsi Afrika phantsi koRhulumente woManyano lweSizwe (iGNU),

oluyilwe emva konyulo jikelele lomhla wama29 kuCanzibe ngowama2024. Isebenza njengenkqubo-sikhokelo yokuphunyezwa kwesiCwangciso soPhuhliso seSizwe (iNDP): uMbono wama2030, ohambelana neenjongo zawo ngelixa ugxininisa iziphumo zophuhliso kunye nokukhula koqoqosho.

I-MTDP ithatha indawo yeNkqubo-sikhokelo yobuChule yesiGaba esiPhakathi (i-MTSF) kwaye yenzelwe ukugxila kungenelelo olumbalwa, olunempembelelo ephezulu ukuqhuba iziphumo

ezinokulinganiswa. Yavunywa yiKhabhinethi iLekgotla ngomhla wama29 kweyoMqungu yowama-2025 kwaye yakhiwe malunga nezi nkalo zintathu zilandelayo zesicwangciso-qhinga:

1. Ukukhula okubandakanyayo nokudalwa kwemisebenzi (iApex ephambili) - ukuqhuba ungenelelo lwezoqoqosho kuzo zonke iinkalo zikarhulumente.
2. Ukunciphisa intlupheko > ukujongana neendleko eziphezulu zokuphila - ukuqinisekisa ukhuseleko lwentlalo kunye nokubandakanywa kwezoqoqosho.
3. Ukwakha urhulumente okwaziyo, oziphathayo kunye nowophuhliso - ukuphucula ulawulo, umthetho kunye nocwangco, kunye nokwenza iziseko.

I-WCG ilungelelanisa izicwangciso zayo kunye nezinto eziphambili zeMTDP ngelixa igcina izigunyaziso zayo zephondo ngokusebenzisa isiCwangcisoqhinga sePhondo (iPSP) kunye nesiCwangciso sokuPhunyezwa koCwangciso-qhinga sePhondo (iPSIP).


- Ukukhula koQoqosho kunye nokudalwa kwemisebenzi: I-WCG iya kuba negalelo ngemigaqonkqubo yezoqoqosho yephondo,

umtsalane wotyalo-mali, uphuhliso lwezakhono, kunye neeprojekthi zeziseko ezixhasa ingqwalasela yesizwe ekukhuleni okubandakanyayo.

- Ukuncitshiswa kwentlupheko kunye nokungenelela kwezentlalo: Iinkqubo zophuhliso loluntu zeWCG, amanyathelo ezempilo, kunye neenguqu zemfundo ziya kuhambelana nokugxininiswa kwesizwe ekunciphiseni iindleko zokuphila.
- Ukwakha uRhulumente oNobuchule: Izinto ezintsha zolawulo lweWCG, ukusebenza kakuhle kokunikezelwa kweenkonzo, kunye nezakhelo zolawulo ziya kuxhasa injongo yesizwe yokuqinisa amandla amaziko kunye nobunkokheli bokuziphatha.

I-NDP ijolise ekupheliseni intlupheko nokunciphisa ukungalingani ngo2030. I-WCCC iya kusebenza imisebenzi yayo ukulungelelanisa nezinto eziphambili njengoko kuchaziwe kwiMTDP ngokusebenzisa iinkqubo ezihlanganisiweyo kunye nokulungelelaniswa ngokugxininisa kHlumo lwemisebenzi, ukhuseleko kunye nezinto eziphambili zentlalontle, iInnovation, iNkcubeko kunye noLawulo.

I-MTDP iqulethe iziphumo ezintathu eziphambili kwaye ihambelana neNDP ngolu hlobo lulandelayo:



Igalelo leWCCC kwimpumelelo yeZinto eziPhambili zeSizwe ziboniswa ngezantsi.

MTDP ePhambili	Igalelo leWCCC
<p>Okuphambili 1: Uhlumo oluqukayo nokudalwa kwemisebenzi</p>	<p>I-WCCC ngokwegunya layo iya kuxhasa amalinge akhuthaza ukubandakanywa koluntu kunye nokuphila kakuhle.</p> <p>Amaziko eNkcubeko abonelela ngendawo ekhuselekileyo apho ulutsha lunokuthi luthathe inxaxheba kwizinto ezenziwa kwindawo engeyongozi.</p> <p>Amaziko eNkcubeko abonelela ngethuba kubaxhamli beEPWP ukuba baqeshwe okwexeshana kwaye babe negalelo kumvuzo wekhaya, ngelixa kwangaxeshanye befumana izakhono ezinokunceda ekufumaneni umsebenzi osisigxina.</p> <p>Iinkqubo ezixhaswa yiWCCC zijolise ekukhuthazeni nasekulondolozeni izenzo zenkcubeko nokuzama ukudala ukuthakazelelwa, nokuhlonitshwa kweenkcubeko ezahlukeneyo zaseNtshona Koloni. Iingcali zobugcisa nezenkcubeko ngeenkqubo zazo zinethemba lokomeleza nokuphuhlisa uluntu apho behlala khona nababukeli, basebenze, kwaye badlale ngokukhuthaza ukuqonda nokuxabisa iyantlukwano phakathi koluntu.</p>
<p>Okuphambili 2: Ukunciphisa intlupheko kwaye ujongane neendleko eziphezulu zokuphila</p>	<p>Inkxaso-mali kumaBhunga eNkcubeko ixhasa amaphulo oluntu kwaye inegalelo kumathuba okuba wonke umntu abe namava obugcisa nenkcubeko kungakhathaliseki ukuba ahlala phi na, kunye nezozoqoqosho nezentlalo. Ugxininiso lweenkqubo kukuxhasa nokunceda amagcisa asekuhlaleni anetalente aphishekele umsebenzi wobugcisa ngokwenza njalo asebenzise italente yawo ukuncedisa ekungeniseni umvuzo nasekunciphiseni intlupheko.</p> <p>Amaziko enkcubeko asetyenziswa ziiNGO, imibutho yasekuhlaleni, kunye namasebe karhulumente, kwimisebenzi yobugcisa nenkcubeko ukukhuthaza ukubandakanywa koluntu kunye nokuba sempilweni nokuvezwa kolutsha kwindawo enika enye indlela enempilo kwimilo yoluntu egquba uluntu.</p>
<p>Okuphambili 3: Ilizwe elikwaziyo ukusebenza, elisesikweni neliphuhlayo</p>	<p>Inkcubeko sisixhobo sokudluliselwa kolwazi, kunye nemilinganiselo yokuziphatha nentlalontle. Ukukhuthazwa kobugcisa kunye nenkcubeko kunye nokugcinwa kwazisa uzinzo lwenkcubeko yoluntu olunegalelo ekuhlalweni kwabantu okuzinzileyo</p> <p>I-WCCC ikhuthaza ukuqondana, ukunyamezelana kunye nonxibelelwano lwentlalo ngonxibelelwano namaBhunga eNkcubeko kunye neenkqubo zoBugcisa neNkcubeko ezixhaswayo. Benza banzi iimbono zabathathinxaxheba kwaye babancede ukuba baxabise iyantlukwano. La mathuba kwabasemngciphekweni nabahlelekileyo abonelela ngamaqonga onxibelelwano lwentlalo kunye neengxoxo, ngelixa esomeleza ukubandakanywa koluntu kunye nentsebenziswano phakathi koluntu.</p> <p>I-WCCC iza kunika impembelelo kuMfanekiso woThungelwano oluLawulwayo oluya kuqinisekisa ukuba iinjongo zayo ezicwangcisiweyo kunye neenkonzozo ziyaqhubeka ukufezekiswa kwaye zinikezelwa ngokusebenzisana nabachaphazelekayo abaphambili abahlukeneyo. Lo mzekelo wonga iindleko, ngelixa ukwanika imibutho yasekuhlaleni ithuba lokuba negalelo ekuphakanyisweni koluntu lwalo.</p>

Ngaphaya koko, iiNjongo zoPhuhliso oluZinzileyo zeZizwe eziManyeneyo (iiSDG) ziinjongo ezili17 zehlabathi ezingabopheleliyo ezihambelana neNDP kunye nesiCwangciso-qhinga sePhondo. Ezi SDGs, njengenxalenye yeAgenda ye2030 yoPhuhliso oluZinzileyo, igxininisa ukubaluleka

kwendlela edibeneyo xa ijongene neemeko zoqoqosho, ezendalo kunye nezentlalo kwaye ezi ziya kuqwalaselwa ngexesha lokucwangciswa kweprojekthi kunye nokuphunyezwa. Umsebenzi weWCCC unokunxulunyaniswa nezi njongo zilandelayo zeNDP kunye neeSDG:



I-AJENDA YEAFRIKA KA2063

Umsebenzi weKomishoni yeNkcubeko yeNtshona Koloni (WCCC) uhambelana neAjenda yaseAfrika ka2063, enombono we-Afrika ephilileyo ngokwenkcubeko, edibeneyo ngokwentlalo, nemaneneyo. Ingqwalasela yethu iquka ukuxhasa iinkqubo zophuhliso lwenkcubeko ezisekelwe kuluntu ngamaBhunga eNkcubeko ukukhuthaza amafa asekuhlaleni nokuqinisa ubuni benkcubeko. Ukongeza, iWCCC iqinisekisa izibonelelo zenkcubeko ezifikelelekayo nezigcinwe kakuhle, ukukhuthaza iindawo ezibandakanya wonke umntu zokuzibandakanya kwezobugcisa nenkcubeko. Ngamaphulo okwabelana ngolwazi lwezizukulwana ngezizukulwana, iWCCC iya kukhuthaza incoko, igcine iinkqubo zolwazi lwemveli, ize ibhiyozele iintetho zenkcubeko ezahlukeneyo. Ezi zingenelelo zobuchule zinegalelo kuMnqweno 5 weAjenda ka2063, ebiza i-Afrika enenkcubeko eyomeleleyo, ilifa elifanayo, amaxabiso ekwabelwana ngawo, kunye nokuziphatha, ngelixa iqhubela phambili

utshintsho lwentlalo kunye nokomelela eNtshona Koloni.

IMEKO YOMGAQONKQUBO WEPHONDO



I-PSP yexesha lika2025-2030 idibanisa Ukukhula kweMisebenzi, uKhuseleko, iMfundo, uMbutho ophilileyo noKhathalelayo, uTshintsho, iNkcubeko kunye noLawulo njengeendawo eziphambili zokungenelela. Imisebenzi yeWCCC iya kuqwalasela iimfuno zabaxhasi bayo kulo lonke umjikelo wobomi kwaye amanyathelo aya kujongana nezi zinto ngamaphulo aza kuqalisa.

Ushwankathelo lwesiCwangcisoqhinga sePhondo 2025-2030

IsiCwangcisoqhinga sePhondo (iPSP) sika2025-2030 sinika ulwalathiso olugqithiseleyo lwenyathelo likarhulumente, sigxininisa kwiziphumo ezigxile ebantwini eziqhuba utshintsho olunentsingiselo kubahlali.

Ushwankathelo lwesiCwangcisoqhingisa sePhondo 2025-2030

HELPING BUSINESSES GROW AND CREATE JOBS EQUIPPING YOU TO GET THOSE JOBS







IIPOTFOLIYO ZEPHONDO

Ukuphunyezwa kwePSP kuqhutywa ziipotifoliyo ezine zePhondo. Iiphotifoliyo ziingqungquthela zamaSebe anika ulwalathiso lobuchule nokulungelelanisa iinzame zokuphumeza iinkqubo ezihambelana nezinto eziphambili zikaRhulumente weNtshona Koloni. Ezi zinto ziphambili zihamba kwimimandla yomgaqonkqubo wezoqoqosho, ukhuseleko, wentlalo kunye namaziko.

Iiphotifoliyo zibeka iliso kwaye ziqhuba iiprojekthi kunye neenkqubo eziphambili eziphezulu, ukuqinisekisa indlela edibeneyo nelungelelanisiweyo yokufezekisa iziphumo ekwabelwana ngazo. ISebe ngalinye linegalelo kwiphotifoliyo enye okanye ngaphezulu ngokuphumeza ungenelelo olujoliswe kuyo oluxhasa impembelelo ekujoliswe kuyo yaloo phothifoliyo.

Iiphotifoliyo ezine zobuchule zezi:

	Ukukhula kweMisebenzi	INTshona Koloni iphumeza ukukhula koqoqosho oludala ukuzithemba, ithemba, namathuba okuphumelela..
	Abafundileyo, abasempilweni, kunye noluntu olukhathalayo	Wonke umntu unethuba lokuphila ubomi obunempilo, obunentsingiselo kunye nesidima kuluntu olubandakanyayo.
	Ukhuseleko	INTshona Koloni luluntu oluzinzileyo nolukhuselekileyo
	Ukusungula izinto ezintsha, iNkcubeko kunye noLawulo	URhulumente weNtshona Koloni (WCG) liziko eligxile ebantwini elithi ngokuyila, ngokufanelekileyo nangentsebenziswano lihlanganise izixhobo zokunikezelwa kwenkonzo.

IINDAWO ZEMPEMBELELO EZIDITYANISIWEYO



Ukwandisa ukusebenza kakuhle kongenelelo lukarhulumente, i-PSP ilandela isizathu sobomi kunye nendlela yeenkqubo. Oku kuthetha ukuba imigaqo-nkqubo neenkqubo ziqwalasela iimfuno kunye noxanduva lwabahlali ukusuka ebuntwaneni ukuya ebudaleni, ukuqinisekisa ukuba iinkonzo zikarhulumente zicwangciswa ngokufanelekileyo.

I-PSP ikhuthaza indlela ehlanganisiweyo apho amaSebe kunye namaqumrhu asebenza kunye malunga neMpembelelo eHlanganisiweyo echazwe kwindawo nganye kwezine zekhosi yobomi.

Ezi ndawo zihlanganisiweyo zefuthe zezi:

IzINDlu noPhuhliso loLuntu	Ukudala iindawo ezikhuselekileyo, ezinempilo ezikhuthaza uphuhliso lwexesha elide nokwanela
Uluntu oluhlangeneyo	Ukuqinisa amaqhina oluntu okwakha uluntu olukhuselekileyo, olukhathalayo, noluzinzileyo.
Iarhente yoLutsha nokuLungela	Ukuxhobisa abantu abatsha ngezakhono namathuba okuthatha inxaxheba eluntwini, lufikelele kumathuba ezoqoqosho kwaye luqhubeke nokufunda
AmaThuba ezoQoqosho noHlumo	Ukwandisa amathuba ezoqoqosho kunye nokuhlwayela ukuzethemba, ithemba nendyebo.

Ukongeza, imimandla emibini enqamlezileyo ijongana nemiba ebanzi yolwakhiwo kunye nokusingqongileyo ebumba unikezelo lwenkonzo kwaye ivumela abantu kulo lonke ixesha lobomi:

IUkuzinza koMthombo	Ukudala iindawo ezikhuselekileyo, ezinempilo ezikhuthaza uphuhliso lwexesha elide nokwanela
Ukuguqulwa kweNdawo, iZiseko, nezoHambo	Ukuqinisa amaqhina oluntu okwakha uluntu olukhuselekileyo, olukhathalayo, noluzinzileyo.

I-PSP ichaza iinkalo eziphambili ekugxilwe kuzo ezihambelana neePotfoliyo zayo kunye neMimandla yeMpembelelo eDityanisiweyo. Imiba ephambili ekugxilwe kuyo kwiWCCC ibandakanya:



Ukwanda kokunyamezela koLutsha, iCivic, iMfundo kunye noKuthatha inxaxheba kwezoqoqosho

Ukwandisa iNtlalontle kunye neArhente yabantu abadala kunye nabantu abadala

Ngokusebenzisa ezi ndawo zijolise ngasentla, iWCCC njengequmrhu leDCAS inegalelo kwimpembelelo ehlanganisiweyo kumaKhaya nakuPhuhliso loLuntu, kwiiNgingqi eziManyeneyo nakwiArhente yoLutsha kunye nokuLungiselela ngokubonelela ngeendawo ezikhuselekileyo kumaziko okuphumeza iinkqubo kunye nokudluliselwa kwezakhono

3. IMIGAQONKQUBO YEZIKO KUNYE NEQHINGA KWISITHUBA SOCWANGCISO SEMINYAKA EMIHLANU

I-WCCC iphumeza imisebenzi yayo kwaye isigunyazise ukuba ithathele ingqalelo utshintsho lwezoqoqosho, lwezentlalo nezopolitiko olukhoyo kunyaka wokuqala wexesha elitsha. Ikhomishini iza kuphonononga izicwangcisoqhinga kunye nemigaqonkqubo ukuqinisekisa ukusetyenziswa ngokupheleleyo kwemithombo kunye nembuyekezo kutyalo-mali ebantwini nakwimali. I-APP isekelwe

kwizinto eziphambili zikarhulumente njengoko kuchaziwe kwiMTDP nakwiPSP kwaye yakhela ekuphonyezweni koMbono wama2030. Ugxininiso luya kubekwa ekuhlени ngokutsha ukusetyenziswa kwezibonelelo zenkcubeko ukwandisa amanani abaxumi kunye nokwenza ingeniso eyongezelelweyo.

4. UHLAZIYO LWEZIGWEBO ZENKUNDLA EZIBALULEKILEYO

N / A

5. UMBONO

Ukwenza igalelo ngokufanelekileyo ekukhuleni nasekuphuhlisweni kommandla oguquguqukayo wenkcubeko ukuya kwiNtshona Koloni emanyeneyo.

6. UMSEBENZI

Ukugcina, ukukhuthaza nokuphuhlisa inkcubeko eNtshona Koloni ngoku:

- ukubhaliswa kunye nokucinywa kobhaliso lwamabhunga enkcubeko;
- ukubonelela ngoncedo lwemali kumabhunga enkcubeko abhalisiweyo;
- ukulawula, ulawulo, uphuhliso kunye nokugcinwa kwepropati eshukumayo nengenakufuduswa ebekwe phantsi kweliso loMphathiswa wePhondo;
- ukwenziwa kweminye imisebenzi enikwe nguMphathiswa wePhondo; kwaye
- ukucebisa uMphathiswa wePhondo ngomgaqonkqubo.

7. IMILINGANISELO

Imfezeko, uxanduva, ubuchule, ukusungula izinto ezintsha, ukuphendula, kunye nenkathalo.

8. UHLAZIYO LOHLALUTYO LWEMEKO

Nangona kunjalo kweminyaka engama30 yedemokhrasi, kusekho iyantlukwano kubugcisa nenkcubeko. I-WCCC apha enyakeni iza kugxila ekucingeni ngokutsha nasekomelezeni ubume benkcubeko yephondo ize iqhubekukuqaphela nokubhiyozela ixabiso leyantlukwano ngokwenkcubeko neelwimi. Iintsika eziza kuxhasa la manyathelo ziza kuquka ukukhula kwemisebenzi, ukhuseleko, intlalontle kunye neICG. Iqumrhu liya kugxininisa kodwa lingapheleli apho ukukhusela nokuphakamisa iwonga leelwimi zemveli nenkcubeko, ingakumbi ezo zabantu baseSan

namaKhoi, bacinge ngokutsha ngezibonelelo zenkcubeko kwaye zomeleze intsebenziswano phakathi kwamabhunga enkcubeko. Ngokwenza njalo banqwenela ukukhuthaza iNtshona Koloni emanyeneyo, edlamkileyo nesempilweni.

8.1. Uhlalutyo lweMeko esiNqongileyo lwangaPhandle

IMEKO YEZOPOLITIKO

Imeko yezopolitiko eMzantsi Afrika iye yavela ngokutshintshela kurhulumente womdibaniso. I-WCCC iza kuphehlelela amalinge awohlukeneyo onyaka kumaziko, ithathela ingqalelo izinto ezintsha eziphambili ngokubaluleka kunye nemimandla ekugxilwe kuyo kunye noqhankqalazo olunokubakho lonikezelo lweenkonzo oluchaphazela ukusetyenziswa nengeniso yamaziko. La manyathelo aza kuphunyezwa ngokuhambelana nezinto eziphambili zephondo kwaye aza kugxila ekwakhiweni koluntu olukhuselekileyo, olumanyeneyo nolukwaziyo ukuzimela ngeli lixa kusenziwa ingeniso eyongezelelweyo ukuqinisekisa uzinzo lwamaziko.

UQOQOSHO

Ukunyuka kweendleko kunye neendleko zothutho, ukutya kunye nombane kubeka umthwalo owongezelelweyo kumakhaya kunye neempembelelo zokubhukisha okwenziwa kumaziko yimibutho yasekuhlaleni kunye nezikolo ezikwiindawo ezinezibonelelo eziphantsi. Ukubhukisha kudla ngokurhoxiswa njengoko le mibutho ingenako ukunyusa imali efunekayo ukuhlawula iindleko. I-WCCC iyakuqonda ukungalingani okukhoyo zikhona kuluntu lwethu, imfuno yokuvelisa ingeniso eyongezelelweyo kwaye ngoko imigaqo-nkqubo kwizibonelelo iya kuhlaziywa kwaye ilungelelaniswe njengoko abasebenzisi abatsha baya kwaziswa kwaye bakhuthazwe ukusebenzisa izibonelelo ukwandisa le meko.

EZENTLALO

Izinga lentswelangqesho kulutsha eMzantsi Afrika lifikelele kwi60.8% eyothusayo kwikota yesibini ka2024, apho iNtshona Koloni irekhode umyinge

wama45.5% wentswela-ngqesho kwangeli xesha linye. Le ngxaki iqhutywa kukukhula okuphantsi koqoqosho, ukungahambelani kwezakhono, ukunqongophala kwamava omsebenzi, kunye nokungalingani kwendawo. IKhomishoni yeNkcubeko yeNtshona Koloni (WCCC) iza kujongana nale mingeni ngokuphumeza amanyathelo acwangcisiweyo ajolise ekuboneleleni ulutsha ngamathuba okufumana amava omsebenzi abalulekileyo kumaziko kunye nokuvala umsantsa kwizakhono. I-WCCC ijolise ekusebenziseni izibonelelo zayo, amaziko, kunye nezibonelelo ukudala iindawo ezikhuselekileyo, ukukhuthaza intlalo-ntle kunye nokukhuthaza umoya wokuziva ungumntu. Izibonelelo ziya kuphuhliswa ngakumbi ukubonelela abantu abatsha ngeendawo ezikhuselekileyo apho banokubandakanyeka ngokubonakalayo kwimisebenzi enegalelo ekufundeni nakwi-ntlalontle yabo.

NGEZOBUGCISA

I-WCCC iya kwandisa amaqonga ethekhinoloji ukunyusa izakhono. Ubume bedijithali bukhula ngokukhawuleza njengoko kubonwa ekusebenziseni iiplatifomu zentlalo ukusebenzisana, ukunxibelelana kunye nokufikelela kulwazi. Ezi zixhobo ziya kuphononongwa ngakumbi, kwaye iqhinga lokuthengisa kufuneka liphuhlise kwaye liphunyezwe ukuthengisa ngokugqibeleleyo umsebenzi wequmrhu. Kucingelwa ukuba onke amaziko enkcubeko aya kuba neWIFI ukuqinisekisa ukufikelela okuphuculweyo kulwazi nokuphuculwa konikezelo lweenkonzo. Inkqubo yokubhukisha nge-elektroniki ibe luphuculo malunga nonikezelo lwenkonzo kubaxumi bethu kwaye inikeze ukufikelela okukhulu kunye nokungafihlisi kubathengi ngokwenjenjalo kuncitshiswa izikhalazo nemibuzo efunyenweyo. Ezinye izincedisi ziya kuphononongwa ukunceda ukuqokelelwa kweenkcukachamanani ngeenjongo zokunika ingxelo.

OKUSINGQONGILEYO

lipateni zemozulu, kubandakanywa umoya, imvula, kunye nomlilo, zinempembelelo kakhulu kuzo zonke iinkalo zobomi bemihla ngemihla, ukusuka kwizityalo kunye nemfuyo ukuya kwiziseko ezingundoqo, ukuhlaliswa kwabantu kunye nengqesho. Olu tshintsho lwemozulu lubeka uxinzelelo kwimithombo yoncedo karhulumente, kwezemali nangezinye iindlela kwaye kuya kuqwalaselwa kuyo yonke imiba yocwangciso nokuphunyezwa kwayo.

I-WCCC iza kucwangcisa kwangaphambili inolwazi oluphangaleleyo ngeemeko zemozulu, igxile kwimithombo yamandla ahlaziyekayo namalinge okuhlaziya. UMthetho woTshintsho lweMozulu wowama2024 uza kukhokela kwaye wazise iWCCC ekuphumezeni izicwangciso-qhinga ezithobela lo mthetho, ukuqinisekisa ngenkxaso kuqoqosho lokusingqongileyo.

Amanyathelo aphambili aya kubandakanya:

- Ukusebenzisa izixhobo ezonga amandla
- Ukusebenzisa amandla elanga
- Ukuvuna amanzi emvula kwizitya namabala
- Ukuphumeza iinkqubo ezinciphisa impembelelo yokusingqongileyo

Ukongezelela, iWCCC iya kuqinisekisa ukuba iinkcukacha zokutshintsha kwemozulu zixhonywe ngokubonakalayo kwiindawo zayo.

EZOMTHETHO

Imekobume ifune ukujongwa kwakhona indima nemisebenzi yeWCCC ekuphenduleni imeko yowisomthetho eguqukayo. Isebe liza kuzibandakanya kwinkqubo ebanzi yoVavanyo lweMpembelelo yoLawulo (RIA) ngentsebenziswano neenkonzo zomthetho ukuqinisekisa ulungelelaniso lweWCCC kunye neemfuno ezintsha zomthetho, ukunyusa ukusebenza kakuhle nokuthotyelwa kwayo.

8.2 Uhlalutyo lweNdawo yangaphakathi

